 - b. Yithi: Siza kuzoba ze sibhale ngesihloko: Owona mdlalo ndiwuthandayo
3. **Cacisa impendulo yakho kumsebenzi wokubhala phambi kokuba ubhale.**
 - a. Yithi: Owona mdlalo ndiwuthandayo yi...
4. **Yenza umzekelo womsebenzi ebhodini.**
 - a. Zoba ngokukhawuleza umfanekiso obonakalisa: Wena, udlala owona mdlalo uwuthandayo.
 - b. Bonisa abafundi indlela yokugqibezela isakhelo sokubhala.
 - c. Yalatha iGML: Igama elenzayo (isenzi) livumelana nomenzi (umenzi).



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 5 no6



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 41.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 5 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
 - g. Buyisela iQela 5 edesikeni yalo uze ubize iQela 6.



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Izandi: Yazisa amaqabane amatsha ahlanganisiweyo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Yazisa isandi esitsha esihlanganisiweyo: chw**
 - a. Bhala iifinomi ngazinye ebhodini uze uzifunde nganye.
 - b. Okulandelayo, cela umfundi ahlanganise izandi ezo kunye.
 - c. Cela abafundi babize amagama aqala nge okanye esisebenzisa esi sandi sihlanganisiweyo.
2. **Bonisa abafundi indlela yokucazulula nokuhlanganisa baze bahlanganise amagama abandakanya isandi.**
 - a. Biza igama: umchweli
 - b. Cela umfundi ngamnye aphulaphule ngononophelo aze acazulule igama elo libe zizandi: u-m-ch-w-e-l-i
 - c. Njengoko umfundi ebiza isandi ngasinye, libhale ebhodini.
 - d. Okulandelayo, biza umfundi owahlukileyo ahlanganise izandi kunye ukufunda igama elo.
 - e. Lungisa abafundi ukuba benza iimpazamo.
 - f. Phinda ngegama: ichweba
3. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesine.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 42.
 - b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
 - c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



Ukubhala ngesandla: Fundisa ukwakhiwa konobumba omkhulu



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe ngokuyijijela ngaphakathi nangaphandle.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa abafundi indlela yokubumba: C**
 - a. Yima ufulathele abafundi bakho.
 - b. Yalela abafundi abangamanxele ukuba babeke iintloko zabo ezidesikeni zabo.
 - c. Sebenzisa isandla sakho sasekunene ukwakha unobumba: C
 - d. Yalela abafundi ababhala ngesandla sokunene bakhe unobumba kunye nawe.
 - e. Phinda nabafundi abangamanxele.
3. **Yalela abafundi ukuba baziqhelanise nokwakha: C**
 - Yithi: Yenza lo nobumba emqolo weqabane lakho, edesikeni, emhlabeni.
4. **Yalela abafundi baziqhelanise nokubhala: C**
 - a. Yithi: Bhala unobumba kwincwadi yakho yokubhala x3.
 - b. Hambahamba ujonga ukubunjwa konobumba ngumfundi ngamnye.



UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwesiBini



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha 65

1. **Lungiselela abafundi uFundo lwesiBini.**
 - a. Hlalisa abafundi emethini.
 - b. Bakhumbuze ngendlela yokuziphatha elindelekileyo.
 - c. Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *Udyabhadyabha ngosuku lweNtlakohlaza*
 - d. Khumbuza abafundi indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.
 - Yithi, kule veki sifunda indlela yoku: Yiba nomfanekiso-ngqondweni
 - Yithi, khumbula sithethile ngale nto izolo, xa ndikubuza: Ungakwazi ukucimela uzame ukwenza umfanekiso-ngqondweni wento esebalini njengomfanekiso-bhanyabhanya engqondweni yakho? Ubona ntoni?
2. **Yenza uFundo lwesiBini ngolu hlobo:**
 - a. Funda iphepha ngalinye lebali ngokuvakalayo, ngotyibiliko nangokucacileyo.
 - b. Bonisa abafundi umfanekiso.
 - c. Sebenzisa imizekelo ekwiphepha lentshayelelo ukwenza umzekelo wobuchule bengqiqo nokuqonda.
 - d. Ekupheleni kwebali, buza imibuzo yoFundo 2 ngolu hlobo:
 - Bhakisa Umbuzo 1 no2 kubafundi ngabanye.
 - Bhakisa Umbuzo 3 kwiklasi yonke. Cela abafundi baxoxe ngombuzo neqabane.
 - Biza abafundi abambalwa babelane ngeempendulo.



Ukubhala: Cwangisa uze uyile



IXESHA:
20 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yeDBE
yemiSebenzi
2, kwiphepha
58

Isakhelo
sokubhala:

Ndiya-
kuthanda
ukudlala...

Kuyonwabisa
kuba...

Ndidlala no...

1. **Yazisa kwakhona umsebenzi wokubhala.**
 - a. Yithi: Khumbula ukuba kule veki siza kuzoba ze sibhale ngesihloko: Owona mdlalo ndiwuthandayo
2. **Yalela abafundi bacinge ngokubhala kwabo.**
 - a. Yithi: Cimela uze ucinge ngendlela oza kuphendula ngayo isakhelo sokubhala.
 - b. Yithi: Yabelana ngoluvo lwakho neqabane.
 - c. Xoxa uze ubhale amagama aluncedo ebhodini, umz. ganga, icekwa, ukuleqana, undize, uBhathi, ibhola ekhatywayo
3. **Yalela abafundi bavule iphepha elichanekileyo kwiincwadi zabo zeDBE zemisebenzi.**
 - a. Yithi: Ngoku, zoba uze ubhale ezakho iimbono.
 - b. Khumbuza abafundi ngeGML: Igama elenzayo (isenzi) livumelana nomenzi (umenzi).
4. **Hambahamba egumbini uncede abafundi ngabanye.**
 - a. Cela abafundi bakuxelele ngeembono zabo.
 - b. Nceda abafundi abasokolayo ukuqala umsebenzi wabo wokubhala.



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 7 no8



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 42.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 7 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
 - g. Buyisela iQela 7 edesikeni yalo uze ubize iQela 8.



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Ukuphulaphula nokuthetha: Xoxa ngebali eliFundwa noTitshala



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Isicwangciso
sengxoxo:

Eli bali
belinge...

Ndilithandile
xa...

Ndifunde
ukuba...

1. **Lungiselela abafundi ingxoxo yamaqela.**
 - a. Cwangcisa abafundi ngokwamaqela amalungu ama4.
 - b. Nika iqela ngalinye 'uswazi okanye ilitye lokuthetha'.
 - c. Yithi: Ungathetha kuphela xa uphethe 'uswazi / ilitye lokuthetha'.
2. **Funda imibuzo yengxoxo.**
 - a. Khumbuza abafundi ibali elifundwa notitshala laloo veki.
 - b. Bhala isicwangciso sengxoxo ebhodini.
 - c. Funda uze ucacise umbuzo ngamnye isiqalisivakalisi).
 - d. Xelela abafundi ukuba ilungu ngalinye leqela malibe nethuba lokuphendula umbuzo.
 - e. Khuthaza abafundi bacinge ngeempendulo ezahlukileyo.
3. **Yalela abafundi baqale ingxoxo.**
 - a. Yalela abafundi abaphethe 'uswazi / ilitye lokuthetha' ukuba mabaqale.
 - b. Hambahamba unika inkxaso apho ifunekayo.
 - c. Kwimizuzu embalwa yokugqibela, biza iqela lizokwabelana ngeempendulo zalo.
4. **Ukulungisa abafundi**
 - a. Chonga 3-4 yabafundi abaza kwenza iNtetho yeOrali ngoMvulo.
 - b. Xelela abafundi amabakulungiselele uMvulo. (Jonga isicwangciso sesifundo soPT sangoMvulo)



Izandi: Ubizelo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Zinzisa abafundi neencwadi zabo zokubhala, iipensile neerula.**
 - a. Xelela abafundi babhale isihloko, 'Ubizelo' baze babhale amanani u1–6 kumda wephepha.
 - b. Bizela abafundi la magama mathandathu alandelayo bawabhale ecaleni kwamanani u1–6: *chola, chwela, umbona, bhaka, bhalisa, imbila*.
2. **Xelela abafundi basebenzise iipensile eziyimibala ukukorekisha umsebenzi wabo.**
 - a. Bhala la magama mathandathu ebhodini.
 - b. Njengoko ubhala, biza igama ngalinye.
 - c. Xelela abafundi barhangqe iimpazamo zabo ngepensile enombala.
 - d. Xelela abafundi bawabhale kwakhona amagama ngokuchanekileyo.
3. **Qaphela imingeni kunye nenkqubela phambili yabafundi.**
4. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesihlanu.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 43.
 - b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
 - c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwaMva



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha 65

1. **Lungiselela abafundi uFundo lwaMva.**
 - a. Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *Udyabhadyabha ngosuku lweNtlakohlaza*
 - b. Cacisa umsebenzi. Yithi: Namhlanje siza kuchaza kwakhona indawo esiyithandayo kwibali lethu.
2. **Yenza umzekelo walo msebenzi njengoku kulandelayo:**
 - a. Cimela wenze ngathi uyacinga.
 - b. Yithi: Mandicinge – mandikuchazele eyona ndawo ndiyithandayo kweli bali ngamazwi am.
 - c. Vula amehlo akho uchazele abafundi eyona ndawo uyithandayo ebalini.
 - d. Zama ungakhethi indawo ecace kumntu wonke njengomzekelo wakho.
 - e. Phinda uyichaze le ndawo yebali ngokulandelelana kweziganeko.
 - f. Bandakanya imiba ebalulekileyo, njengamagama abalinganiswa.
3. **Yalela abafundi bagqibezele umsebenzi.**
 - a. Xelela abafundi bacimele baze bacinge ngeyona ndawo bayithandayo ebalini.
 - b. Yithi: Cinga ngolwakho uluvo, musa ukukopa umzekelo wam.
 - c. Okulandelayo, xelela abafundi bavule amehlo baguquke banikane amathuba bexelela amaqabane abo indawo umntu ayithandayo ebalini.
 - d. Njengoko abafundi bethetha ngebali, jikeleza phakathi kwabo unike inxaso apho ifuneka khona.
 - e. Ekupheleni kwesifundo, biza umfundi abe1–2 baphinde bathethe bexelela iklassi ngeyona ndawo umntu ayithandayo ebalini.
4. **Vumela abafundi babelane ngomsebenzi wabo.**
 - a. Nika abafundi imizuzu embalwa yokubonisa umsebenzi wabo kwiqabane.
 - b. Biza umfundi abelane ngomsebenzi wakhe neklasi.



Ukubhala: Yila uze uhlele



IXESHA:
20 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yeDBE
yemiSebenzi
2, kwiphepha
58

Isakhelo
sokubhala:

Ndiya-
kuthanda
ukudlala...

Kuyonwabisa
kuba...

Ndidlala no...

1. **Khumbuza abafundi ngomsebenzi wokubhala.**
 - a. Yithi: Namhlanje siza kugqibezela umsebenzi wethu wokubhala.
2. **Yazisa ukwahlula umsebenzi.**
 - a. Hambahamba eklasini uze uncede abafundi abasokolayo.
 - b. Nika abafundi abaphambili ngolwazi umyalelo owongezelelweyo: Yongeza esinye isivakalisi kumbhalo wakho.
3. **Yalela abafundi bafunde baze bahlele umbhalo wabo.**
 - a. Yithi: Ngoku lixesha lokuba nifunde ze nihlele imibhalo yenu.
 - b. Yithi, khumbula ukukhangela ukuba: Igama elenzayo (isenzi) livumelana nomenzi (umenzi).
4. **Ukuba ixesha liyavuma, cela abafundi babelane ngemibhalo yabo.**
 - a. Abafundi bangabelana ngemibhalo yabo neqabane.
 - b. Abafundi abambalwa bangabelana nemibhalo yabo neklasi.



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 9 no10



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 43.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 9 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
 - g. Buyisela iQela 9 edesikeni yalo uze ubize iQela 10.



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Ukuphulaphula nokuthetha: Yazisa umxholo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Imifanekiso
nezixhobo
zokwenyani
zomboniso
womxholo

INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Lungisa umboniso womxholo: Siyazithethela**
2. **Buza umbuzo ovulekileyo ukuqalisa ulwazi lwemvelaphi lwabafundi.**
 - Zeziphi izinto ocinga ukuba abantwana bamele ukuthetha ngazo?
 - Ngoobani abantu abahlukileyo onokuthetha nabo ukuba unengxaki?
 - Yeyiphi eyona ndlela ingcono yokuthetha nomntu ukuba awuvumelani naye okanye ukuba ukhathazekile?
3. **Yenza imephu yengqondo usebenzisa imibuzo neempendulo zabafundi.**
4. **Yongeza ezakho iimpindulo kwimephu yengqondo ukwandisa ulwazi lwabafundi.**
5. **Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 44.**
6. **Xelela abafundi bakhombe kwindawo yokutyebisa ulwimi lomxholo.**
 - a. Funda ngokutyetyiswa kolwimi ngokuvakalayo.
 - b. Yalela abafundi bafunde kunye nawe, okanye bayiphinde emva kwakho: Usana olungakhaliyo lufela embelekweni.
7. **Xoxa nabafundi ngokutyetyiswa kolwimi.**
 - a. Buza: Ungandixelesa ukuba kuthetha ukuthini oku? / Uyakwazi ukufumana impendulo?
 - b. Khuthaza abafundi babelane ngezimvo.
 - c. Cacisa intsingiselo okanye unike impendulo njengoku kulandelayo: Eli qhalo lithetha ukuba, ukuba umntu akazithetheleli, akakhali okanye akathethi xa ekwimeko enzima, akukho mntu uza kumnceda kwaye uza kugqibela ngokufela kwiingxaki zakhe ethe cwaka.



Izandi: Fundisa isandi esitsha, emva koko ucazulule uze uhlanganise



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Ikhadi lesandi
kh

INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Yazisa isandi esitsha: *kh***
 - a. Biza isandi x3.
 - b. Bonisa abafundi iKhadi lesandi uze ufunde isandi x3.
 - c. Xelela abafundi baphulaphule baze baphinde isandi.
 - d. Cela abafundi babize amagama aqala nge okanye asebenzisa eso sandi.
2. **Bonisa abafundi indlela yokucazulula nokuhlanganisa isandi.**
 - a. Biza igama: *n*
 - b. Cela umfundi ngamnye aphulaphule ngononophelo aze acazulule igama elo libe zizandi: *kh-u-l-a*
 - c. Njengoko umfundi ebiza isandi ngasinye, libhale ebhodini.
 - d. Okulandelayo, biza umfundi owahlukileyo ahlanganise izandi kunye ukufunda igama elo.
 - e. Lungisa abafundi ukuba benza iimpazamo.
 - f. Phinda ngegama: *khaba*
3. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoMvulo.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 46.
 - b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
 - c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



Ukubhala ngesandla: Fundisa ukwakhiwa konobumba omncinci



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokungcangcazelisa izandla zethu.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa abafundi indlela yokubumba: *kh***
 - a. Yima ufulathele abafundi bakho.
 - b. Yalela abafundi abangamanxele ukuba babeke iintloko zabo ezidesikeni zabo.
 - c. Sebenzisa isandla sakho sasekunene ukwakha unobumba: *kh*
 - d. Yalela abafundi ababhala ngesandla sokunene bakhe unobumba kunye nawe.
 - e. Phinda nabafundi abangamanxele.
3. **Yalela abafundi ukuba baziqhelanise nokwakha: *kh***
 - a. Yithi: Yenza lo nobumba emqolo weqabane lakho, edesikeni, emhlabeni.
4. **Yalela abafundi baziqhelanise nokubhala: *kh***
 - a. Yithi: Bhala unobumba kwincwadi yakho yokubhala x3.
 - b. Hambahamba ujonga ukubunjwa konobumba ngumfundi ngamnye.



UkuFunda noTitshala: Yazisa ibali



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha
lentshayelelo
77

1. Yazisa ibali.

- Yithi: Kule veki siza kufunda ibali elisihloko sithi, *Igama lam nguBuhlebendalo*.
- Yithi: *UBuhlebendalo wayelithanda igama lakhe kwaye eziqhayisa ngalo. Wayekuthanda ukulibiza liphelele ade alicule. Ngosuku lokuqala kwiBanga 1, utitshala wakhe wabiza igama lakhe waza wambonisa apho makahlale khona. Kodwa wathi akufika etafileni yakhe, wabona igama elingu'Buhle' lincanyathiselwe etafileni. Emva koko utitshala wamchazela ukuba igama u'Buhlebendalo' lide kakhulu xa libizwa. Utitshala wathi uza kumbiza ngokuba ngu'Buhle'. UBuhlebendalo waziva ekhathazekile kwaye wayengasoloko emva utitshala xa embiza. Ibali ligqitha lichaze indlela uBuhlebendalo azithethela ngayo ngegama lakhe.*
- Buza: Ikhona into oyaziyo malunga noku?
- Bonisa ngokufutshane abafundi imifanekiso esebalini.

2. Yakha ulwazi lwemvelaphi lwabafundi.

- Yabelana uze ucacise iinkcukacha ezinikiweyo ngemvelaphi ebalini.
- Bonisa abafundi apho ibali liqhubeka khona usebenzisa imephu yeNgqokelela yamaBali.
- Buza: Ingaba unemibuzo malunga neli bali?

3. Cacisa indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.

- Yithi, kule veki siza kufunda indlela: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo
- Cacisa le ndlela kubafundi.



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 1 no2



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 46.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 1 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
 - g. Buyisela iQela 1 edesikeni yalo uze ubize iQela 2.



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Ukuphulaphula nokuthetha: Fundisa isigama



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Oonotsheluzi
besigama,
imifanekiso,
izixhobo

INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Khumbuza abafundi ngomxholo.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 44.
 - b. Funda okanye ubize indawo yokutyetyiswa kolwimi kwakhona.
 - c. Bonisa abafundi uluhlu lwesigama somxholo.
 - d. Cacisa ukuba la magama aza kusinceda siqonde kwaye sithethe ngomxholo.
 - e. Bafundele uluhlu lwamagama.
2. **Sebenzisa iYLXY ukufundisa isigama.**
 - a. Fundisa esi sigama silandelayo:
 - *isazisigama: Ileyibhile ebhalwe igama lomntu.*
 - *wabuyisela: Wathatha into waza wabeka enye endaweni yayo.*
 - *khathazekile: Ukuziva ungazinzanga emoyeni okanye ukucinga ukuba izinto zinokungahambi ngendlela.*
3. **Sebenzisa indlela yobuchule iYLXY elungele igama ngalinye:**

Y: Yalatha emfanekisweni okanye kwisixhobo sokwenyani
 L: Linganisa igama
 X: Xelesa abafundi intsingiselo yegama
 Y: Yitsho igama kwisivakalisi



Izandi: Yazisa amaqabane amatsha ahlanganisiweyo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Yazisa isandi esitsha esihlanganisiweyo: khw**
 - a. Bhala iifinomi ngazinye ebhodini uze uzifunde nganye.
 - b. Okulandelayo, cela umfundi ahlanganise izandi ezo kunye.
 - c. Cela abafundi babize amagama aqala nge okanye esisebenzisa esi sandi sihlanganisiweyo.
2. **Bonisa abafundi indlela yokucazulula nokuhlanganisa baze bahlanganise amagama abandakanya isandi.**
 - a. Biza igama: ukhwele
 - b. Cela umfundi ngamnye aphulaphule ngononophelo aze acazulule igama elo libe zizandi: u-kh-w-e-l-e
 - c. Njengoko umfundi ebiza isandi ngasinye, libhale ebhodini.
 - d. Okulandelayo, biza umfundi owahlukileyo ahlanganise izandi kunye ukufunda igama elo.
 - e. Lungisa abafundi ukuba benza iimpazamo.
 - f. Phinda ngegama: khwaza
3. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesibini.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 47.
 - b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
 - c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



Ukubhala ngesandla: Fundisa ukwakhiwa konobumba omkhulu



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokuvala izandla zenze amanqindi sibale ka5, ze siyekelele.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa abafundi indlela yokubumba: K**
 - a. Yima ufulathele abafundi bakho.
 - b. Yalela abafundi abangamanxele ukuba babeke iintloko zabo ezidesikeni zabo.
 - c. Sebenzisa isandla sakho sasekunene ukwakha unobumba: K
 - d. Yalela abafundi ababhala ngesandla sokunene bakhe unobumba kunye nawe.
 - e. Phinda nabafundi abangamanxele.
3. **Yalela abafundi ukuba baziqhelanise nokwakha: K**
 - Yithi: Yenza lo nobumba emqolo weqabane lakho, edesikeni, emhlabeni.
4. **Yalela abafundi baziqhelanise nokubhala: K**
 - a. Yithi: Bhala unobumba kwincwadi yakho yokubhala x3.
 - b. Hambahamba ujonge ukubunjwa konobumba ngumfundi ngamnye.



UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwangaphambili



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha 79

1. **Hlalisela abafundi uFundo lwangaPhambili.**
 - a. Biza abafundi bahlale emethini okanye phantsi.
 - b. Hlala phambi kwabafundi neNgqokelela yamaBali.
 - c. Qinisekisa ukuba bonke abafundi bayayibona incwadi.
 - d. Khumbuza abafundi ngendlela yokuziphatha oyilindeleyo ngexesha lokuFunda noTitshala, umz. ukwakha isathanga; ukubeka izandla emathangeni, ukuphulaphula ngononophelo, ukuphendula xa ebuzwa, ukuphakamisa isandla ukubuza umbuzo.
2. **Yenza uFundo lwangaPhambili ngoluhlobo:**
 - a. Biza isihloko sebali: *Igama lam nguBuhle bendalo.*
 - b. Cacisa isakhono soqikelelo. Yithi: Xa sisenza uqikelelo, sisebenzisa isihloko kunye nemifanekiso ukuzama ukufumana ukuba ibali lingantoni na.
 - c. Bonisa abafundi imifanekiso kwiphepha ngalinye.
 - d. Buza: Ucinga ukuba kwenzeka ntoni apha?
 - e. Buza: Ucinga ukuba le mifanekiso inxulumana njani?



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 3 no4



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 47.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 3 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
 - g. Buyisela iQela 3 edesikeni yalo uze ubize iQela 4.



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Ukuphulaphula nokuthetha: Fundisa isigama uze uxoxe ngomfanekiso womxholo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Oonotsheluza
besigama,
imifanekiso,
izixhobo

INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Sebenzisa iYLYX ukufundisa isigama.**

- a. Fundisa esi sigama silandelayo:
 - *ukuzithethela: Ukuxelela umntu oko ukucingayo, ukuvayo, okanye ukudingayo.*
 - *ukhaliphile: Angenza into nokuba uziva enoloyiko.*
 - *Umntu omdala othembelekele: Umntu omdala onceda ngokugcina abantwana bekhuselekile.*
- b. Sebenzisa indlela yobuchule iYLYX elungele igama ngalinye.

2. **Yakha ulwazi lwemvelaphi lwabafundi.**

- a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 48.
- b. Xelela abafundi ezi nkukacha zilandelayo malunga nomfanekiso:
 - *Ukuba ilungu elidala losapho okanye umhlobo ukulimazile okanye ukwenza wenze into owaziyo ukuba ayilunganga, kufuneka uyithethe. Ungathetha nomntu omdala omthembelekele, njengotitshala wakho. Ukuba kukho ifowuni onokuyisebenzisa, ungatsalela iChildline ngokucofa u116. Olu cingo lusimahla kwaye umntu ophendulayo uyakumamela aze akuncede.*
 - *Amaxesha amaninzi, abantu abadala abazi xa abantwana bejongene nengxaki okanye beneemvakalelo ezinkulu ngomba othile. Abantu abadala abangabo abafundi bengqondo. Ngenxa yesi sizathu, xa sinengxaki okanye sifuna ukwabelana ngeemvakalelo zethu, kufuneka sithethe ngokuphandle kubantu abadala esibathembileyo.*
 - *Ngamanye amaxesha iimvakalelo zethu ezinkulu zisenza sifune ukukhwaza okanye sikhale okanye sifune ukubetha umntu. Ezi zenzo aziyiyo indlela elungileyo yokusombulula iingxaki zethu. Zama ukutsala umoya onzulu ka10 uphefumle ngokucutha. Xa uziva ubuzola, sebenzisa ilizwi lakho uthethe uze uvakalise iimvakalelo zakho.*

3. **Xoxa ngomfanekiso.**

- a. Sebenzisa umbuzo olandelayo ukuxoxa ngomfanekiso njengoku kulandelayo:
 - Buza umbuzo wokuqala.
 - Yalela abafundi baxoxe ngombuzo neqabane labo.
 - Biza abafundi ngabanye babelane ngeempendulo zabo.
 - Yakha ulwazi lwemvelaphi lwabafundi ngokulungisa ukungaqondi kwabo kunye nokwabelana ngolwazi olunxulumene nomxholo.
 - Phinda le nkqubo ngemibuzo yonke.

4. **Imibuzo:**

- Ucinga ukuba kufuneka benze ntoni abantwana abakulo mfanekiso xa beziva bengakhuselekanga?
- Ucinga ukuba bangaya phi aba bantwana bafumane uncedo?
- Wakhe waziva ungakhuselekanga okanye ungakhululekanga?



Izandi: Fundisa isandi esitsha, emva koko ucazulule uze uhlanganise



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Ikhadi lesandi
th

INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Yazisa isandi esitsha: th**

- Biza isandi x3.
- Bonisa abafundi iKhadi lesandi uze ufunde isandi x3.
- Xelela abafundi baphulaphule baze baphinde isandi.
- Cela abafundi babize amagama aqala nge okanye asebenzisa eso sandi.

2. **Bonisa abafundi indlela yokucazulula nokuhlanganisa isandi.**

- Biza igama: thetha
- Cela umfundi ngamnye aphulaphule ngononophelo aze acazulule igama elo libe zizandi: th-e-th-a
- Njengoko umfundi ebiza isandi ngasinye, libhale ebhodini.
- Okulandelayo, biza umfundi owahlukileyo ahlanganise izandi kunye ukufunda igama elo.
- Lungisa abafundi ukuba benza iimpazamo.
- Phinda ngegama: theza

3. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesithathu.**

- Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 49.
- Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
- Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



Ukubhala ngesandla: Fundisa ukwakhiwa konobumba omncinci



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe ngokujikelezisa izihlahla zenze izangqa ziye ngasekhohlo zibuye ziye ekunene.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa abafundi indlela yokubumba: *th***
 - a. Yima ufulathele abafundi bakho.
 - b. Yalela abafundi abangamanxele ukuba babeke iintloko zabo ezidesikeni zabo.
 - c. Sebenzisa isandla sakho sasekunene ukwakha unobumba: *th*
 - d. Yalela abafundi ababhala ngesandla sokunene bakhe unobumba kunye nawe.
 - e. Phinda nabafundi abangamanxele.
3. **Yalela abafundi ukuba baziqhelanise nokwakha: *th***
 - a. Yithi: Yenza lo nobumba emqolo weqabane lakho, edesikeni, emhlabeni.
4. **Yalela abafundi baziqhelanise nokubhala: *th***
 - a. Yithi: Bhala unobumba kwincwadi yakho yokubhala x3.
 - b. Hambahamba ujonga ukubunjwa konobumba ngumfundi ngamnye.



UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lokuQala



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha 79

1. Lungiselela abafundi uFundo lokuQala.

- Hlalisa abafundi emethini.
- Bakhumbuze ngendlela yokuziphatha elindelekileyo.
- Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *Igama lam nguBuhle bendalo ngalo. Wayekuthanda ukulibiza liphelele ade alicule. Ngosuku lokuqala kwiBanga 1, utitshala wakhe wabiza igama lakhe waza wambonisa apho makahlale khona. Kodwa wathi akufika etafileni yakhe, wabona igama elingu'Buhle' lincanyathiselwe etafileni. Emva koko utitshala wamchazela ukuba igama u'Buhle bendalo' lide kakhulu xa libizwa. Utitshala wathi uza kumbiza ngokuba ngu'Buhle'. UBuhle bendalo waziva ekhathazekile kwaye wayengasoloko emva utitshala xa embiza. Iballi ligqitha lichaze indlela uBuhle bendalo azithethela ngayo ngegama lakhe.*

2. Yenza uFundo lwangaPhambili ngolu hlobo:

- Funda iphepha ngalinye leballi ngokuvakalayo, ngotyibiliko nangokucacileyo.
- Bonisa abafundi imifanekiso.
- Apho kuyimfuneko, yima uze ucacisele abafundi.
- Yalatha isigama njengoko sibonakala.
- Ekupheleni kwebali, buza imibuzo yoFundo 1 ngolu hlobo:
 - Bhekisa Umbuzo 1 no2 kubafundi ngabanye.
 - Bhekisa Umbuzo 3 kwiklasi yonke. Cela abafundi baxoxe ngombuzo neqabane.
 - Biza abafundi abambalwa babelane ngeempendulo.
- Khumbuza abafundi indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.
 - Yithi, kule veki sifunda indlela yoku: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo
 - Buza abafundi: Singaqikelela sithini ngokufanekileyo ngoku esingakuchazelwanga ngumbhali? Ungaqikelela ntoni ngeengcinga / iimvakalelo zomlinganiswa?



Ukubhala: Yenza umzekelo weGML nomsebenzi



IXESHA:
20 imizuzu



IZIXHOBO:
Isakhelo
sokubhala:

Ndiziva... xa...

Ndinga-
belana
ngeemva-
kalelo zam
no...

1. **Yazisa ukugxila kwiGML (imiGaqo neMimiselo yoLwimi).**
 - a. Yithi: Kule veki siza kugxila ku Ukusebenzisa isingxi ekupheleni kwesivakalisi.
 - b. Bhala isivakalisi ebhodini: Ndingazithethela ngeemvakalelo zam no...
 - c. Yalatha iGML: Isivakalisi siphela ngesingxi.
2. **Yazisa umsebenzi wokubhala.**
 - a. Yithi: Kule veki siza: Zoba umfanekiso uze ubhale izivakalisi ezithathu.
 - b. Yithi: Siza kuzoba ze sibhale ngesihloko: Ukwabelana ngeemvakalelo zam.
3. **Cacisa impendulo yakho kumsebenzi wokubhala phambi kokuba ubhale.**
 - a. Yithi: Xa ndiziva ndikhathazekile, ndingabelana ngeemvakalelo zam no...
4. **Yenza umzekelo womsebenzi ebhodini.**
 - a. Zoba ngokukhawuleza umfanekiso obonakalisa: Wena, usabelana ngeemvakalelo zakho no...
 - b. Bonisa abafundi indlela yokugqibezela isakhelo sokubhala.
 - c. Yalatha iGML: Isivakalisi siphela ngesingxi.



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 5 no6



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 49.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 5 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
 - g. Buyisela iQela 5 edesikeni yalo uze ubize iQela 6.



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Izandi: Yazisa amaqabane amatsha ahlanganisiweyo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Yazisa isandi esitsha esihlanganisiweyo: thw**
 - a. Bhala iifinomi ngazinye ebhodini uze uzifunde nganye.
 - b. Okulandelayo, cela umfundi ahlanganise izandi ezo kunye.
 - c. Cela abafundi babize amagama aqala nge okanye esisebenzisa esi sandi sihlanganisiweyo.
2. **Bonisa abafundi indlela yokucazulula nokuhlanganisa baze bahlanganise amagama abandakanya isandi.**
 - a. Biza igama: thwala
 - b. Cela umfundi ngamnye aphulaphule ngononophelo aze acazulule igama elo libe zizandi: th-w-a-l-a
 - c. Njengoko umfundi ebiza isandi ngasinye, libhale ebhodini.
 - d. Okulandelayo, biza umfundi owahlukileyo ahlanganise izandi kunye ukufunda igama elo.
 - e. Lungisa abafundi ukuba benza iimpazamo.
 - f. Phinda ngegama: umthwalo
3. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesine.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 50.
 - b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
 - c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



Ukubhala ngesandla: Fundisa ukwakhiwa konobumba omkhulu



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Itshati
yokubhala
ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
 - a. Yithi: Masifudumeze iminwe ngokuyijijela ngaphakathi nangaphandle.
 - b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa abafundi indlela yokubumba: T**
 - a. Yima ufulathele abafundi bakho.
 - b. Yalela abafundi abangamanxele ukuba babeke iintloko zabo ezidesikeni zabo.
 - c. Sebenzisa isandla sakho sasekunene ukwakha unobumba: T
 - d. Yalela abafundi ababhala ngesandla sokunene bakhe unobumba kunye nawe.
 - e. Phinda nabafundi abangamanxele.
3. **Yalela abafundi ukuba baziqhelanise nokwakha: T**
 - Yithi: Yenza lo nobumba emqolo weqabane lakho, edesikeni, emhlabeni.
4. **Yalela abafundi baziqhelanise nokubhala: T**
 - a. Yithi: Bhala unobumba kwincwadi yakho yokubhala x3.
 - b. Hambahamba ujonga ukubunjwa konobumba ngumfundi ngamnye.



UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwesiBini



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha 79

1. **Lungiselela abafundi uFundo lwesiBini.**
 - a. Hlalisa abafundi emethini.
 - b. Bakhumbuze ngendlela yokuziphatha elindelekileyo.
 - c. Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *Igama lam nguBuhle bendalo*
 - d. Khumbuza abafundi indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.
 - Yithi, kule veki sifunda indlela yoku: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo.
 - Yithi, khumbula sithethile ngale nto izolo, xa ndikubuza: Singaqikelela sithini ngokufanekileyo ngoku esingakuchazelwanga ngumbhali? Ungaqikelela ntoni ngeengcinga / iimvakalelo zomlinganiswa?
2. **Yenza uFundo lwesiBini ngolu hlobo:**
 - a. Funda iphepha ngalinye lebali ngokuvakalayo, ngotyibiliko nangokucacileyo.
 - b. Bonisa abafundi umfanekiso.
 - c. Sebenzisa imizekelo ekwiphepha lentshayelelo ukwenza umzekelo wobuchule bengqiqo nokuqonda.
 - d. Ekupheleni kwebali, buza imibuzo yoFundo 2 ngolu hlobo:
 - Bhakisa Umbuzo 1 no2 kubafundi ngabanye.
 - Bhakisa Umbuzo 3 kwiklasi yonke. Cela abafundi baxoxe ngombuzo neqabane.
 - Biza abafundi abambalwa babelane ngeempendulo.



Ukubhala: Cwangisa uze uyile



IXESHA:
20 imizuzu



IZIXHOBO:
Isakhelo
sokubhala:
Ndiziva... xa...

Ndinga-
belana
ngeemva-
kalelo zam
no...

1. **Yazisa kwakhona umsebenzi wokubhala.**
 - a. Yithi: Khumbula ukuba kule veki siza kuzoba ze sibhale ngesihloko: Ukwabelana ngeemvakalelo zam
2. **Yalela abafundi bacinge ngokubhala kwabo.**
 - a. Yithi: Cimela uze ucinge ngendlela oza kuphendula ngayo isakhelo sokubhala.
 - b. Yithi: Yabelana ngoluvo lwakho neqabane.
 - c. Xoxa uze ubhale amagama aluncedo ebhodini, umz. wonwabile, ukhathazekile, unomsindo, uyacaphuka, uchulumancile, awuzinzanga, ufuna ukwazi.
3. **Yalela abafundi baqalise ukubhala kwiincwadi zabo zokubhala.**
 - a. Yithi: Ngoku, zoba uze ubhale ezakho iimbono.
 - b. Khumbuza abafundi ngeGML: Isipho sikamakhulu wam
4. **Hambahamba egumbini uncede abafundi ngabanye.**
 - a. Cela abafundi bakuxelele ngeembono zabo.
 - b. Nceda abafundi abasokolayo ukuqala umsebenzi wabo wokubhala.



UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 7 no8



IXESHA:
30 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
 - b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
 - c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 50.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 7 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
 - a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
 - b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
 - c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
 - d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulileyo.
 - e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
 - f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlenganiswa.
 - g. Buyisela iQela 7 edesikeni yalo uze ubize iQela 8.



Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Izixhobo
ezizezika-
Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Wakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.



Ukuphulaphula nokuthetha: Xoxa ngebali eliFundwa noTitshala



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
Isicwangciso
sengxoxo:

Eli bali
belinge...

Ndithande
umlinganiswa
u... kuba...

Ndifunde
ukuba...

1. **Lungiselela abafundi ingxoxo yamaqela.**
 - a. Cwangcisa abafundi ngokwamaqela amalungu ama4.
 - b. Nika iqela ngalinye 'uswazi okanye ilitye lokuthetha'.
 - c. Yithi: Ungathetha kuphela xa uphethe 'uswazi / ilitye lokuthetha'.
2. **Funda imibuzo yengxoxo.**
 - a. Khumbuza abafundi ibali elifundwa notitshala laloo veki.
 - b. Bhala isicwangciso sengxoxo ebhodini.
 - c. Funda uze ucacise umbuzo ngamnye isiqalisivakalisi).
 - d. Xelela abafundi ukuba ilungu ngalinye leqela malibe nethuba lokuphendula umbuzo.
 - e. Khuthaza abafundi bacinge ngeempendulo ezahlukileyo.
3. **Yalela abafundi baqale ingxoxo.**
 - a. Yalela abafundi abaphethe 'uswazi / ilitye lokuthetha' ukuba mabaqale.
 - b. Hambahamba unika inkxaso apho ifunekayo.
 - c. Kwimizuzu embalwa yokugqibela, biza iqela lizokwabelana ngeempendulo zalo.
4. **Ukulungisa abafundi**
 - a. Chonga 3-4 yabafundi abaza kwenza iNtetho yeOrali ngoMvulo.
 - b. Xelela abafundi amabakulungiselele uMvulo. (Jonga isicwangciso sesifundo soPT sangoMvulo)



Izandi: Ubizelo



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INcwadi
yokuFunda
enguNdoqo

1. **Zinzisa abafundi neencwadi zabo zokubhala, iipensile neerula.**
 - a. Xelela abafundi babhale isihloko, 'Ubizelo' baze babhale amanani u1–6 kumda wephepha.
 - b. Bizela abafundi la magama mathandathu alandelayo bawabhale ecaleni kwamanani u1–6: *thutha, umkhwetha, khaba, thwalisa, uthule, ikhowa*.
2. **Xelela abafundi basebenzise iipensile eziyimibala ukukorekisha umsebenzi wabo.**
 - a. Bhala la magama mathandathu ebhodini.
 - b. Njengoko ubhala, biza igama ngalinye.
 - c. Xelela abafundi barhangqe iimpazamo zabo ngepensile enombala.
 - d. Xelela abafundi bawabhale kwakhona amagama ngokuchanekileyo.
3. **Qaphela imingeni kunye nenkqubela phambili yabafundi.**
4. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesihlanu.**
 - a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 51.
 - b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
 - c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.



UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwaMva



IXESHA:
15 imizuzu



IZIXHOBO:
INGqokelela
yamaBali,
iphepha 79

1. **Lungiselela abafundi uFundo lwaMva.**
 - a. Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *Igama lam nguBuhlebendalo*
 - b. Cacisa umsebenzi. Yithi: Namhlanje siza kuzoba size sibhale ngeyona ndawo siyithandayo ebalini.
2. **Yenza umzekelo walo msebenzi njengoku kulandelayo:**
 - a. Cimela wenze ngathi uyacinga.
 - b. Vula amehlo akho uthi: Eyona ndawo ndiyithandayo kweli bali kuxa...
 - c. Zama ungakhethi indawo ecace kumntu wonke njengomzekelo wakho.
 - d. Zoba ngokukhawuleza umfanekiso ebhodini. Njengokuba uzoba cacisa le nto uyizobayo.
 - e. Yongeza isivakalisi esi1–2 malunga nomzobo wakho: Ndiyithandile...
3. **Yalela abafundi bagqibezele umsebenzi.**
